



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LESIBINI (P2)

NOVEMBA 2011

AMANQAKU: 80

IXESHA: 2½ iiyure

Olu viwo lunamaphepha angama-22.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Funda le miyalelo ngocoselelo phambi kokuba uqale ukuphendula imibuzo.
2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha. Jonga kwisiquatho esikwiphepha elilandelayo uze uchonge imibuzo ebuzwe ngeencwadi ozifundisiwego kulo nyaka. Emva koko yifunde le mibuzo uze ukhethe leyo unqwenela ukuyiphendula.
3. Eli phepha linama CANDELO amaTHATHU:

ICANDELO A: Isihobe (30)
 ICANDELO B: Inoveli (25)
 ICANDELO C: Idrama (25)

4. Phendula IMIBUZO EMIHLANU:

Imibuzo EMITHATHU kwiCANDELO A, OMNYE kwiCANDELO B NOMNYE kwiCANDELO C ngale ndlela ilandelayo:

ICANDELO A: ISIHOBE

IMIBONGO EMISELWEYO – Phendula imibuzo EMIBINI.
 IMIBONGO ENGAMISELWANGA – Phendula umbuzo OMNYE.

ICANDELO B: INOVELI

Phendula umbuzo OMNYE.

ICANDELO C: IDRAMA

Phendula umbuzo OMNYE.

5. UKHETHO LWEEMPENDULO KUMACANDELO B (INOVELI) NO-C (IDRAMA)

- Phendula KUPHELA imibuzo ekwinoveli nakwidrama oyifundileyo.
- Phendula UMBUZO OMDE ube mNYE NOMFUTSHANE ube mNYE.
- Ukuba uphendule UMBUZO OMDE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C.
- Ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMDE kwiCANDELO C.
- Sebenzisa uluhlu lokukhangela (itshekhlisi) ukukuncedisa.

6. UBUDE BEEMPENDULO

- Imibuzo emide kwisihobe mayiphendulwe ngamagama angama-240.
- Imibuzo emide kumacandelo enoveli nedrama mayiphendulwe ngamagama angama-390.
- Ubude beempendulo zemibuzo emifutshane buxhomekeke kulwabiwo lwamanqaku.
- Abalingwa mabathi ngqo babe semxholweni kwiimpendulo zabo.

7. Landela imiyalelo esekuqaleni kwicandelo ngalinye ngocoselelo.
8. Nombola iimpendulo zakho ngokwendlela ekunonjolwe ngayo imibuzo kwiphepha lemibuzo.
9. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.
11. Yaba ixesha lakho ngolu hlobo:

ICANDELO A: Malunga nama-40 emizuzu

ICANDELO B: Malunga nama-55 emizuzu

ICANDELO C: Malunga nama-55 emizuzu

IPHEPHA LESIQUALATHO:

Eli phepha liza kunceda abafundi bakwazi ukukhetha imibuzo abafuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

ICANDELO A: ISIHOBE**Imibongo emiselweyo: Phendula nayiphi na imibuzo emiBINI.**

INANI LOMBUZO	UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
1. Idompasi	Umbuzo omde	10	6
OKANYE			
2. Amazwi obulumko	Umbuzo omfutshane	10	7
OKANYE			
3. Uvukani madoda kusile	Umbuzo omfutshane	10	8
OKANYE			
4. Bubomi obo	Umbuzo omfutshane	10	9
KUNYE			
Umbongo ongamiselwanga: Phendula nawuphi umbuzo omNYE.			
5. Ingoma	Umbuzo omde	10	10
OKANYE			
6. Ingoma	Umbuzo omfutshane	10	11

ICANDELO B: INOVELI**Phendula umbuzo omNYE.***

7. Nyana Wam! Nyana Wam!	Umbuzo omde	25	13
OKANYE			
8. Nyana Wam! Nyana Wam!	Umbuzo omfutshane	25	13
OKANYE			
9. Ukhozi Olumaphiko	Umbuzo omde	25	15
OKANYE			
10. Ukhozi Olumaphiko	Umbuzo omfutshane	25	15

ICANDELO C: IDRAMA**Phendula umbuzo omNYE.***

11. Amaza	Umbuzo omde	25	18
OKANYE			
12. Amaza	Umbuzo omfutshane	25	18
OKANYE			
13. A-a-a! Jongumsobomvu!	Umbuzo omde	25	20
OKANYE			
14. A-a-a! Jongumsobomvu!	Umbuzo omfutshane	25	21

***QAPHELA: KUMACANDELO B no-C, phendula umbuzo OMDE OMNYE nombuzo OMFUTSHANE OMNYE.**

ULUHLU LOKUKHANGELA (ITSHEKHLISTI)

Kunyanzelekile ukuba uqwalasele olu luhlu lulandelayo ukuze uqinisekise ukuba ukhethe imibuzo ngendlela eyiyo.

ICANDELO	AMANANI EMIBUZO	INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO	TIKISHA NGASEZANTSISI
A: Isihobe (Imibongo emiselweyo)	1–4 OKANYE	2	
A: sihobe (Umbongo ongamiselwanga)	5–6 OKANYE	1	
B: Inovelis (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane)	7–10 OKANYE	1	
C: Idrama (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane)	11–14	1	

QAPHELA: KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMDE OMNYE nombuzo OMFUTSHANE OMNYE.

ICANDELO A: ISIHOBE***VUKANI MADODA KUSILE – A Stemela: Umhleli*****IMIYALELO**

Kweli candelo kubuzwe imibongo nezbongo eziNE ezimiselweyo nomNYE ongamiselwanga.

Umlingwa ulinndeke ukuba aphendule imibuzo ebuzwe kuyo nayiphi na imibongo okanye naziphi na izibongo ezimiselweyo; KUNYE nombuzo omnye kwimibongo okanye izibongo ezingamiselwanga.

QAPHELA: Umbuzo ongombongo ongamiselwanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule. Qinisekisa ukuba ukhethe imibuzo emiTHATHU kweli candelo.

Ubude beempendulo zemibuzo emide bungama-240 amagama.

IMIBONGO EMISELWEYO**UMBUZO 1 (UMBUZO OMDE)**

Cazulula indlela imbongi elusebenzise ngayo ukhetho-magama ukupuhlisa umxholo kulo mbongo.

IDOMPASI – N Gcali

- 1 Yincwadana encinane ephethe igama,
- 2 Yincwadana edelekileyo ephethe idilesi,
- 3 Ixela ubuhlanga ibonise nelizwe,
- 4 Iveza umsebenzi ixela nomqeshi,
- 5 Isitampu sibonisa imfanelo,
- 6 Isitampu esigwenxa yijele,
- 7 Udompasi ongekhoyo yijele.

- 8 Impilo yabaninzi uyigqibile,
- 9 Ubomi babaninzi ubuthathile,
- 10 Imizimba yabaninzi uyingxwelerhile,
- 11 Imizi yabaninzi uyichithile wena dompasi.
- 12 Ubethiwe umntu ubanziwe umntu,
- 13 Waswela umntu walamba umntu,
- 14 Wabhaca umntu watshipha umntu,
- 15 Nguwe wena dompasi.

- 16 '**Kom hierso Jan,**
Waar is jou pas?'
- 17 'Alikho mhlekazi.' Qhwa ngempama!
- 19 Xhimfi ngenqindi, ngqu ngesihlangu,
- 20 '**Gaan in, Gaan in man.**'
- 21 Kungenxa yakho dompasi.

22 Vum-vum-vu-uu-uum-
 23 lyagguma ikhwela-khwela.
 24 Ifuna bonke abophul'umthetho.
 25 Basuka eNatali, basuka eFreyistata,
 26 Bavela eCiskei, bavela eTranskei,
 27 Kungenxa yakho dompasi.
 28 Uphumile umthetho wabhengezwa,
 29 Umemezela ukufa kwakho dompasi,
 30 Namhlanje yimincili namhlanje luvuyo,
 31 Namhlanje lulonwabo namhlanje luchwayito,
 32 Kuba udompasi ufile wavuka u-ID.
 33 Watsho wanesidima umnt'endinguye.

[10]

UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ungezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

AMAZWI OBULUMKO – VL Mabinza

1 Yivani ndiniphakele amazwi obulumko,
 2 Khon'ukuze niluphumelele ugqatso lobomi.
 3 Yibani ngabantu abanesimo nesimilo.
 4 Yibani nomonde wokuzondelela ningatyhafi,
 5 Khuthalani ninokunyameka nokunyamezela.
 6 Thantamisanani ninokuvelana nokuncedana,
 7 Khon'ukuze nibe nokuphumelela.
 8 Omnye komnye, yibani nokuthobeka,
 9 Lahlani ikratshi nokuzicingela,
 10 Yibani banye nithandane nonke.
 11 Zilahleni iinkcuku nobuhlanga,
 12 Nibe novelwano omnye komnye.
 13 Yenzani njalo ke niziintlanga nonke,
 14 Kub'igazi lenu linye xa ninonke.

- | | | |
|-----|---|-----|
| 2.1 | Ludidi luni lombongo olu? | (1) |
| 2.2 | Nika uphawu lube lunye lodidi olunike kuMBUZO 2.1. | (1) |
| 2.3 | Caphula igama kumqolo woku-1 eliphuhlisa ukuba imbongi iza kondla uluntu ngokwasengqondweni. | (1) |
| 2.4 | Chonga isibini samagama esiphuhlisa indlela ekulindeleke ukuba baziphathe ngayo abantu abanxanelwe impumelelo kumqolo wesi-3. | (1) |
| 2.5 | Safobe sini esifumaneka kumqolo wesi-5? | (1) |

2.6 Xa imbongi isithi, 'Yibani nomonde wokuzondelela ningatyhafi,' ithetha ukuba:

- A Mabancekelele
- B Mabaphumle
- C Mabayeke

(1)

2.7 Yintoni ekhuthazwa yimbongi kumqolo wesi-6 kulo mbongo? (1)

2.8 Ingaba unjani umoya wembongi kulo mbongo? (1)

2.9 Mfundisoni egqithiswa yimbongi kulo mbongo? (2)

[10]

UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicutshulwa sombongo singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

UVUKANI MADODA KUSILE – ZWV Mzukwa

- 1 'Ndikhumbul'eNxu-u-ba,'
- 2 Watsh' uVukani madoda kusile,
- 3 Wathi makuthengw'eyekak'ibhlukhwe;
- 4 Yatsh'int'ekhonya ngamava,
- 5 Yatsh'ixel'isifingo sokusa.

- 6 Itsho kamnand'emini,
- 7 Ewe x'ixel'imin'emaqanda;
- 8 Yatsho kalusizi ngorhatya,
- 9 Kwathwa kwelakowethu zezombethe.

- 10 'Tyhini, tyhini le kwedini,
- 11 Yaz – yaz'kub'uzenz'umntu'
- 12 Yatsh'int'enkul' isongela,
- 13 Isongel'igatyan'elincokolis'eny'intokazi.

- 14 Wubon'uzigwagwisa kwiintokazi,
- 15 Wubon'usakha amaxhaka,
- 16 Wubon'udlisela ngobungangamsha,
- 17 Gqi indun'enku lu usapho luyashiywa

- 18 Wakhony'emnyang'emini,
- 19 Wagxothwa kub'ubiz'iindwendwe kulanziwe.
- 20 Wakhul'amajingxeb'emlenzeni,
- 21 Awu kamb'iintsuku zihambile.
- 22 Mqhagindini uxatyisiwe
- 23 Wotshindini yakowethu uyathandwa,
- 24 Ndatsho nam ndancoma.

3.1 Ngubani lo Vukani madoda kuthethwa ngaye kulo mbongo? (1)

- 3.2 Leliphi ixesha lesifingo sokusa? (1)
- 3.3 Sesiphi isafobe esisetyenziswe kumqolo we-13? Siphuhlisa ntoni? (2)
- 3.4 Yeyiphi le ndun'enku lu ekuthethwa ngayo kumqolo we-17? (1)
- 3.5 Chonga igama/ibinzana elibonisa ukuba umqhagi ukhe uzive ubukhulu. (1)
- 3.6 Yintoni amajingxeba? (1)
- 3.7 Kutheni kusithiwa lo mqhagi yiwo tshi nje? (1)
- 3.8 Ngesivakalisi esiNYE, nika umxholo walo mbongo. (2)
[10]

UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicutshulwa sombongo singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

BUBOMI OBO – SSM Mema

- 1 Namhla uhamba emarhiweni aluhlaza,
2 Macal'onke kuphephezela impepho
3 Ezoboza umphefumlo unge uyo zela;
4 Ukanti unga akungephey'ukurhabula
5 Kuloo ndeb'elephuzayo yobomi.
- 6 Macala kunkcenkcez'amanz'angcwengileyo,
7 Agabula unxano lwenyama nolwengqondo,
8 Kuphole ngaphakathi kuphole nangaphandle,
9 Ucande kubuyokoyoko bemingcunub'emigungqo
10 Okomzalikazi ethuthuzel'usana lwakhe.
- 11 Ihamba le ndlela ifike kurhex'olurhabaxa,
12 Zihlabek'iinyawo unge ungazixhoma;
13 Aw'amaggab'emthini, likubinz'ebuchotsheni,
14 Kungenjalo lizimele likushiy'ebumnyameni,
15 Liman'ukukukroba linge liyagxwala.
- 16 Kwakuba nje uzifune likuphephapheph'iqhinga;
17 Uth'ubusithi uyazazi iqin'inqaw'ingathembisi,
18 De uzive umangala, umangalel'uMenzi
19 Okubeke kule ndima wakushiya enyanyeni.
20 Wumbi de adambalale azincam'afadalale.
- 21 Abazimisele ukwanya de baye emangcwaben,
22 Bayothuka wakususwa umbele emlonyen,
23 Ze balathiswe ingca efun'ukuhlafunwa .
24 Abangi bangakhunjuzw'amazinyw'asiyohombo,
25 Ayangunda anquqke akufuyw'angasebenzi.

- 4.1 Caphula ibinzana elibonisa indawo ekumnandi kuyo nekubonakala inezinto ezonwabisayo. (1)
- 4.2 Yinyani okanye bubuxoki ukuba igama u 'namhla' ngokwasembongweni lisetyenziselwe ukubonisa ukuba ubomi bumnandi okwangoku. (1)
- 4.3 Beka ngawakho amazwi umqolo wesi-7 othi,
'Agabula unxano lwenyama nolwengqondo' (2)
- 4.4 Uchasaniso olukumqolo wesi-8 lupuhhlisa ntoni? (2)
- 4.5 Isafobe esisetyenziswe kumqolo we-10:
 A Sisifaniso
 B Sisikweko
 C Sisihihonipho (1)
- 4.6 Chonga umqolo okwisitanza sesi-3 obonisa ukutshintsha komoya wembongi. (1)
- 4.7 Chaza intsingiselo efihlakeleyo evezwa ngumqolo we-15. (2)
[10]

KUNYE**IMIBONGO ENGAMISELWANGA****UMBUZO 5 (UMBUZO OMDE)**

Cazulula indlela isigama esiphuhlisa ngayo intsingiselo.

INGOMA – IV Mtamzeli

- 1 Sisidlo sazw' iindlebe.
- 2 Luyolo lomphefumlo.
- 3 Yimbangi yobushushu.
- 4 Luchwayitiso ntliziyo.
- 5 Yomelez' abatyhwatyhwii,
- 6 Yakutsho ngondiliseko.
- 7 Kusike kuzw' iintumbu.
- 8 Lidangatye kumphefumlo.
- 9 Kwiindlela zotyhulubo
- 10 lingxaki ziphele nya.
- 11 Kwiinkumbulw' ezikude,
- 12 Kumazw' amaphupha,
- 13 Kusiphuke ziinwele
- 14 Kumzimb' ontlontl' iintolo.

15 Nguhlokoz' ifuthe kwizithandazwe –
 16 Lihlob' igazi kubaswa ngezixhobo.
 17 Kanti nakwiimbutho zezaci –
 18 Aphum' aph' amaciko.
 19 Zivel' apfo neembongi.
 20 Aphum' apfo' amayolisa.
 21 Kukhuphiswana ngesingqisho,
 22 Zidul' apfo neentyulubi.
 23 Ingoma iyaxakisa;
 24 Kuzalwa iyathetha,
 25 Kufiwa iyalunga,
 26 Kuvuyw' ayiphethwa,
 27 Kulilw' iyathandwa.
 28 Ngumbaseli-ntliziyo,
 29 Unik' ithemba kwabaze.

[10]

UMBUZO 6 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicutshulwa sombongo singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

INGOMA – IV Mtamzeli

1 Sisidlo sazw' iindlebe.
 2 Luyolo lomphefumlo.
 3 Yimbangi yobushushu.
 4 Luchwayitiso ntliziyo.
 5 Yomelez' abatyhwatyhwi,
 6 Yakutsho ngondiliseko.
 7 Kusike kuzw' iintumbu.
 8 Lidangatye kumphefumlo.
 9 Kwiindlela zotyhulubo
 10 lingxaki ziphele nya.
 11 Kwiinkumbulw' ezikude,
 12 Kumazw' amaphupha,
 13 Kusiphuke ziinwele
 14 Kumzimb' ontontl' iintolo.
 15 Nguhlokoz' ifuthe kwizithandazwe –
 16 Lihlob' igazi kubaswa ngezixhobo.
 17 Kanti nakwiimbutho zezaci –
 18 Aphum' aph' amaciko.
 19 Zivel' apfo neembongi.
 20 Aphum' apfo' amayolisa.
 21 Kukhuphiswana ngesingqisho,
 22 Zidul' apfo neentyulubi.

23	Ingoma iyaxakisa;
24	Kuzalwa iyathetha,
25	Kufiwa iyalunga,
26	Kuvuyw' ayiphetshwa,
27	Kulilw' iyathandwa.
28	Ngumbaseli-ntliziyo,
29	Unik' ithemba kwabaze.

6.1 Xa kusithiya ingoma 'Luyolo lomphefumlo', kuthethwa ukuba:

- A lyakhathaza
- B lyabhidisa
- C lyonwabiswa

(1)

6.2 Chonga umqolo okwistanza soku-1 osicacisela ngomnye wemisebenzi yengoma. (1)

6.3 Eli binzana lingezantsi livuselela yiphi ingcina ngengoma?

'Lidangatye kumphefumlo'. (1)

6.4 Kuthetha ukuthiwani xa kusithiya iingxaki ziphele nya kwistanza sesi-2? (1)

6.5 Kwistanza sesi-3 sixelelwa ukuba ithi yakutsho kamnandi ingoma kuvele iindidi ngeendidi zabantu abaneziphiwo ezahluka-hlukaneyo. Xela lube luNYE. (1)

6.6 Yintoni eyona mbono iphambili ephuhliswa ngumbhali ngengoma kwistanza sesi-4? (1)

6.7 Safobe sini esifumaneka kumqolo wama-29? (1)

6.8 Ingaba ngumbongo okanye sisibongo olu didi Iwesihobe? Xhasa impendulo yakho. (2)

6.9 Ludidi luni Iwesihobe olu? (1)

[10]

AMANQAKU ECANDELO A: **30**

ICANDELO B: INOVELI**IMIYALELO**

- Kweli cadelo kubuzwe iinoveli ezimbini.
- Khetha imibuzo kwinoveli oyifundisiwego.
- KwiNoveli NGANYE kubuzwe imibuzo emiBINI, OMDE NOMBUZO OMFUTSHANE, ukususela kumbuzo 7 ukuya kumbuzo 10.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

QAPHELA: Ukuba umlingwa ukhethe umbuzo OMDE kwinoveli ayifundisiwego; kunyanzelekile ukuba akhethe umbuzo omfutshane kwiCadelo C (kwidrama). Ukuba ukhethe umbuzo omfutshane kwiCadelo B (kwinoveli) kunyanzelekile ukuba akhethe umbuzo OMDE kwiCadelo C (kwidrama).

Ubude beempendulo zemibuzo emide bungama-390 amagama.

UMBUZO 7 (UMBUZO OMDE)**NYANA WAM! NYANA WAM! – WK Tamsanqa**

'Bafundise titshala abantwana zonke izifundo, ungasilibali isifundo iThemba. Ithemba liyaphilisa'. Yayama ngeziganeko ezilapha encwadini ezibonakalisa ukuphumelela kukaThole ngenxa yethemba.

[25]

OKANYE**UMBUZO 8 (UMBUZO OMFUTSHANE)****NYANA WAM! NYANA WAM! – WK Tamsanqa**

Funda ezi zicatshulwa zingezantsi, ze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA A

Yathi iphela inyanga yeDwarha waye eziqonda ukuba umi kakuhle ngasemalini, elihlanganisile ikhulu leeponti efutshanise kakhulu kwelesibini. Kwakungemali yodwa into awayenayo kwelo lizwe lasemzini, wayeselethanda ukuba ngofuyileyo. Ngenkangeleko ebusweni kwelo lamarhanuga wayekhangeleka onwabile kodwa ngaphakathi wayengazanga walubona ulonwabo ukususela okoko wathi wazibona eseBhayi engazi, ngenxa yesimanga sotywala. Enye into eyayimphethe kakubi ngamaphupha akhe emihla ngemihla, ipupha lomfo onomnqwazi wameva, elikaFikizolo, uMaNtuli, uNofundile noThozama lalisithukuthezi kuye, lamtsho akaze onwabe, wathi endaweni yokuba atyebe ngenxa yokuvuma komsebenzi wasuka waya ebhitya ngokubhitya.

Ngenye imini kusasa ngecawa, ebengakhange alale buthongo bumandi ngenxa yaloo maphupha akhe emihla ngemihla, wacinga ukukhe aphumele emaphandleni yedwa gethemba lokuba angathi abone okunokuthi kumenze alibale loo maphupha.

Ngokuhamba-hamba waya kugqitha ndlwini ithile yecawa, xa ekude kufuphi kuloo ndlu watsalwa yingoma emnandi eyayivunywa apha wathi makakhe ajike angene. Uthe xaaza kungena yayeka ingoma, Iwavalwa ucango, wafunda isifundo umshumayeli. Ndiya kusuka ndiye kubawo, ndithi kuye, Bawo ndonile kuwo amaZulu nasemehlweni akho. Andisafanele kubizwa ngonyana wakho; ndenze ndibe njengomnye kubaqeshwa bakho.

- 8.1 Ngubani lo kuthethwa ngaye apha ngasentla? (1)
- 8.2 Yintoni eyabangela ukuba lo mlinganiswa umxele kuMBUZO 8.1 alishiye elaseBhayi? (1)
- 8.3 Kwenzeka ntoni kwimoto awayehamba ngayo sele esinda ekuqwengweni ziingonyama nje? (1)
- 8.4 Nika ibe NYE into eyayimenza angonwabi eKnysna lo kuthethwa ngaye. (1)
- 8.5 Kwakutheni ze akhawuleze ayeke ukuvumisa? (2)
- 8.6 Sizathu sini esabangela ukuba ahlale kumzi awayehlala kuwo kwilizwe lamarhanuga? (2)
- 8.7 Sigqibo sini awafikelela kuso ngenxa yomphefumlo owawungonwabanga? (1)
- 8.8 Wenza ntoni ngale mfuyo nale mali wayeyiqokelele kwelo lizwe? (2)
- 8.9 Wamamkela njani uFikizolo unyana wakhe owayevela eKnysna? (2)

ISICATSHULWA B

Hayi ke yanguwashiywa ukuya ezimotweni nasezibhasini, yalukrozo iimoto ukusuka eKempton Park apha iJan Smuts ikhona ukuya kuqabela eRhawutini. Ngomzuzwana omncinci kwakhala ibhungane esikhululweni eJan Smuts kodwa abanye basala beziindwane belimele kukuxovulwa ngabanye. Isihlanu sona itshoba lalala umbethe, yathutha ithuthile inqwelo yezigulana ukusa esibhedlele. Akuzanga kube kudala befikile e-Albert Street lazala lema ngeembambo elo laseWesile abantu bengena benga bayagityiselwa besukela iindawo zokuhlala. Wayelapho uMfundisi uMaqoma waseNxukhwebe noShepherd weDike lodumo. Kuthe emva kwezithethi ezibini nezithathu ezithe zathetha waphakama umbambi-ntambo wathi, 'Ke mzi wakowethu sibulela ubukho booyise balo mntwana phakathi kwethu ngale mini, phakamani banibone abantu befundisi.'

Zaphakama ezi ndedeba zombini zihleli ndaweni-nye zanqwala kunye ngeentloko zibulisa eso sihlwele. 'Uphuma ezandleni zala madoda lo mfana singaye apha' watsho ebakhomba. 'Ke mawethu,' uqhube watsho umbambi-ntambo, 'ndicinga ukuba soba siphambukile emgceni ukuba asinakukhe sinikele komnye wabo akhe enze amazwi.' Wabonakala uMfundisi uShepherd ekrweca uMfundisi uMaqoma ukuba athethe.

- 8.10 Kwakuqhube ka ntoni kwesi sikhululo ngalo mhla? (2)

- 8.11 Yeyiphi le ndawo kwakusukeliswa kuyo eRhawutini? (1)
- 8.12 Zehlo zini ezibuhlungu ezenzeka kwabanye abantu ababeze kuhlangabeza uMangaliso esikhululweni seenqwelo-moya? (2)
- 8.13 Ngokwesicatshulwa, ooyise balo mntwana babekho nabo ngalo mhla. Xela abe mNYE. (1)
- 8.14 Bangoojise njani aba bantu ubaxele kuMBUZO 8.13? (2)
- 8.15 Yintoni eyayibangela abantu abaninzi babe nomdla omkhulu ekufikeni kukaMangaliso? (1)
- 8.16 UMangaliso wayebaloba njani abantu ukuba beze kwinkonzo yaseSpes Bona? (1)
- 8.17 Ngeengongoma eziMBINI, chaza ngokufutshane isizathu sokuba lo mfana azalwe ngomnye utata kodwa aphinde akhuliswe ngomnye. (2)
- [25]

UKHOZI OLUMAPHIKO – N Saule**UMBUZO 9 (UMBUZO OMDE)**

Kule ncwadi uMfazwe ubonise ubuthandazwe. Yayama ngeziganeko ezisebalini ukupuhhlisa oku.

[25]

UMBUZO 10 (UMBUZO OMFUTSHANE)**UKHOZI OLUMAPHIKO – N Saule**

Funda esi sicutshulwa singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA A

'Yile nto kanye besiyithetha, yintlola le, impimpi.' Utsho ke umfo omkhulu ebonisa abanye isiqhuma esingumbhumbutho wemali nabo bengenela ngezithuko nangezinyeliso. Mna lalindiyile, ndiqonda mhlophe ukuba andinakuze ndibe nabo ubuchule bokubaqinisekisa asimali yabumpimpi leyo. Ingqina laloo nto lizokuvela kumazwi enkokeli xa ilumkisa uwabo.

'Loo mali ivuza igazi labantwana babantu, lingakudyobhi mfondini. Nika uJudas imali yakhe azokufa nayo.' Ngokungathi seledyojwe kade ligazi lo mfo, wayithi khatha epokothweni yam engxamile, wabuya umva nje kancinci. Kangangendlela endandisele ndizinikele ngayo ekufeni, andizange ndibe nalo novalo olu ngeli xesha lale nquleqhu.

Ndema zole, ndaba bungxabalaza, ngesandla sasekhohlo ndimana ukuphulula impumlo le, ngeli xa esasekunene sijinga apha ecaleni kwam. Ndambona ngendlela le axhathise ngayo ukuma phambi kwam umfo ebendisetsha ukuba uza kuphosa isihlangu okanye inqindi. Kwathi kanti ndichanile ndalibona inqindi ukusuka kwalo ngathi yigutsi ethwele amalahle. Ndayithi cebu kuhle intloko yam lagqitha ngomfuthokazi, watsho wanxanxatheka umminilo, wathi xa eza kugileka kum, ndathi jaju phaya, ndeva ndityhalwa ngasemva ndayokuwa phezu kwakhe xa athi uzama ukuqingqa.

- 10.1 Ayethethwa ngubani la mazwi akrwelelwe umgca ngaphantsi? Ephi? (2)
- 10.2 Enza ntoni amanye amajoni akuboniswa umbumbutho wemali? (1)
- 10.3 Sizathu sini esasibangela ukuba kuthiwe 'imali ivuza igazi labantwana babantu'? (2)
- 10.4 Ingaba uMfazwe unxulunyaniswa njani noJudas? (2)
- 10.5 Kusenzeka yonke le nquleqhu nje ukweyiphi imeko uMfazwe? (1)
- 10.6 Cacisa umfanekiso-ngqondweni ozotywa libinzana, '... inqindi ukusuka kwalo ethwele amalahle.' (2)
- 10.7 Kwenzeka ntoni kuMfazwe emva kwalo mlo? (1)
- 10.8 Igama 'wanxanxatheka' linika umfanekiso onjani ngeli joni emva kokuphosa inqindi? (2)
- 10.9 Igama likaMfazwe linxulumana njani nendima ayidlalayo ebalini? (2)

ISICATSHULWA B

UKhonjwayo wayenesekela lakhe elathi labamba iintambo ngeli xesha asaphambeneyo. Yaba sisithwakumbe eso esingazange sindonwabise kungazange kakade kubekho nto endonwabisayo eMthontsi. Ndasuka ndaba likheswa, kungekho mntu uzayamanisa nam. Ndandidla ngokuziva neentethwana ezingemnandi zisitshiwo ngabaninizo abangafuni kuvelwa kuzo. 'Qabane, ndisuke ndaloyika eliya qabane. Ngumhlola womntu Iowa.'

'Akukho nto anayo maan uSiqhwala. UKhonjwayo wayeza kuphambana kakade. Ubumbona moss uKhonjwayo lo ukuba unguzincinci apha othile.'

'Akuyazi into oyithethayo wena.' Iya kuphela ngolo hlobo incoko ingadanga yacaca ukuba iya phi na.

Ubukheswa benza ukuba ndicinge kakhulu ngekhaya. Lasuka laqaqamba engqondweni ngendlela apha esimanga. Ndandikhathazwa ngumfanekiso kaFriday.

Wayesuka avele emkhulu gqitha enesiqu esinokulinganiswa neeziya zilwanyana zakudala. Ndandisuka ndibe nalaa mfanekiso ndandidla ngokuba nawo xa ndibaliselwa ngezim ndingumntwana. Ndandibacinga abazali bam endandisazi ukuba balala kudala-dala. Ezo ntsuku zintlanu babesaduke ngazo ooNyama zaba ngathi yiminyaka emihlanu.

Kwaphenjelelwa oko ngumhlola owathi wehla bengekafiki. Apha enkampini, kwakukho imingxuma yokuzimela eyayisele yensiwe.

- 10.10 Yintoni ebangela ukuba uMfazwe eve buhlungu ngokuphambana kukaKhonjwayo? (1)
- 10.11 Zininzi izinto ezazingamonwabisanga eMthontsi uMfazwe. Xela into ibe NYE. (1)
- 10.12 Yintoni eyaba ngunobangela wokuba akhumbule ikhaya uMfazwe? (1)

- 10.13 Lithetha ukuthini igama elithi, 'ikheswa'? (1)
- 10.14 Abanye ababovelana naye uMfazwe bazama ukumkhuthaza ngokuthi angazibeki butyala kuko konke okwenzekayo. Bakwenza njani oko? (1)
- 10.15 Lippi ikhaya likaMfazwe? (1)
- 10.16 Yintoni eyayimenza ukuba asoloko esinda uMfazwe kwimigibe nezabatha zeentshaba zakhe? (1)
- 10.17 Khankanya into ibe NYE entle ebe sisiphumo sokulwelwa kwenkululeko ngokwencwadi. (1)
- 10.18 Yinyani okanye bubuxoki into yokuba uMfazwe wayesithanda isizwe sakowabo? Xhasa impendulo yakho. (2)
- [25]**

AMANQAKU ECANDELO B: **25**

ICANDELO C: IDRAMA**IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwiidrama ezimbini, ukususela KUMBUZO 11 ukuya KUMBUZO 14.
- Kwidrama ngaNYE kubuzwe imibuzo emibini; omde kunye nomfutshane.
- Khetha umbuzo ube mnye kwidrama oyifundisiweyo.

KHUMBULA: Ukuba umlingwa ebekhethe umbuzo omfutshane kwiCANDELO B;
UNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo omde kwiCANDELO C.
Ukuba umlingwa ebekhethe umbuzo omde kwiCANDELO B;
UNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo omfutshane kwiCANDELO C.

Ubude beempendulo zemibuzo emide bungama-390 amagama.

UMBUZO 11 (UMBUZO OMDE)**AMAZA – ZS Qangule**

Bonisa indlela abazotywe ngayo aba balinganiswa balandelayo:

- 11.1 uNamhla
11.2 uZodwa Zazile

[25]

UMBUZO 12 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicutshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

WELISILE: Andinakuzibamba zinkosi! Andinako!
Lisiko laphi elikhokelisa ubukhwe?
Ngubani othe lo mzi kaCirha ngowamaggoboka?
Ngumhlaba wamaCirha lo! Asiuthenganga!
Sisimanga nento yebhokisi engavulwayo!
Ukuba kufakwe impundulu nakuthini?
Ukuba ngenene nguSidima olele apha
Uya kuhamba adibane njani nookhokho?
Nditsho kuba unqengqisiwe wapanwa!
Liphi icuba lakhe? Iphi intonga yakhe?
Luphi utshongo lwakhe? Ngubani omcime amehlo?
Zizandla zikabani ebeziphathaphatha lo mzimba?
Ebengabhucwabhwucwa zizandla zabafazi beenlanga?
E-e-e-e-e-e-e-e. Kwekhu! Tyhini le!
Bafondini!
E-e-e-e-e-e-e-e. Hayi, mandiyeke kuba kwenzekile.
Singafane nje sithembe ukuba iminyanya iya kumamkela.

ZAZILE: Njengoko sekurhatyela apha emehlwani,
IBhayibhile sakuyifundelwa ngumkhwenyana lo uLizo.
Isifundo sethu sokuqala sakusifumana
KuMateyu, isahluko se-6, iivesi 11–13.
Funda ke mfana.

LIZO: Siphe namhla isonka sethu semihla ngemihla.
Usixolele amatyala ethu, njengokuba nathi
Sibaxolela abo banamatyala kuthi.
Ungasingenisi ekulingweni, usihlangule
enkohlakalweni.

ZAZILE: Isifundo sethu sesibini
sakusifumana kuYakobi, isahluko sokuqala,
iivesi 5–6.
Funda ke mfo wam.

LIZO: Ukuba ke ubani kuni uswele ubulumko,
Makacele kuThixo onika bonke
engenakumbi,
Engacingi, engathandabuzi kuba lowo
Uthandabuzayo ufana nokulatyuza
Kolwandle,
Luqhutywa ngumoya, luntsileka!

ZAZILE: Sakusifumana isifundo sethu sokuggibela
KuMateyu, isahluko se-10, iivesi 26–28.
Funda ke mntwana wam.

LIZO: Musani ukuboyika ngoko; kuba akukho nto
Igutungelweyo ingayi kutyhilwa,
Nefihlakeleyo ingayi kwaziwa.
Oko ndikuthetha kuni emnyameni, kuxeleni
emhlotsheni;
Noko ndikuvayo endlebeni, kumemezeni
phezu kwezindlu.
Ningaboyiki abo babulala umzimba,
kodwa bengenako ukuwubulala wona
umphefumlo.
Yoyikani ke kanye lowo unako
ukutshabalalisa umphefumlo kwanomzimba
esihogweni somlilo.

- | | | |
|------|--|-----|
| 12.1 | Wayephi uWelisile ngelixa abuzayo? | (1) |
| 12.2 | Xela amagama abazali balo mntwana ungcwatwyayo. | (2) |
| 12.3 | Yintoni ekaLizo eyahamba noZodwa xa wayesiya eRhawutini? | (1) |
| 12.4 | Yinyani okanye luluvo ukuba uDuma wakhe wathandana noNamhla? | (1) |

- 12.5 Yayiyintoni isizathu sokuba uLizo adubule uSidima? (2)
- 12.6 Bangaphi abantu abathi basweleka kule ndawo? (1)
- 12.7 Gqibezela le ntetho. Amagqobhoka ngabantu:
 A Abagqobhoze iindlebe.
 B Abafundileyo.
 C Abagulayo. (1)
- 12.8 Kwakutheni ukuze kuthiwe ibhokisi yomfi mayingavulwa? (1)
- 12.9 Ingaba kwavunyelwana ngamoya-mnye ukuba ibhokisi ingavulwa? Cacisa. (2)
- 12.10 Khankanya izinto zibe mBINI afanele ukuziphatha umntu ongcwatywayo xa esiya kookhokho bakhe ngokukaWenisile? (2)
- 12.11 Ngubani igama lomfundisi owayeqhuba lo mngcwabo? (1)
- 12.12 Wazazi nini uNamhla ukuba ungumntwana kaMalimakhwe? (1)
- 12.13 Wafunyaniswa njani umntu owabulala uSidima? (1)
- 12.14 Yeyiphi inkolo eyayisetyenziswa xa kuqhutywa lo mngcwabo? (1)
- 12.15 Nika izinto zibe ziBINI ezixhasa impendulo oyinike kuMBUZO 12.14. (2)
- 12.16 Ngokolwazi lwakho lwale ncwadi u-Amaza ngubani lo ongcwatywayo? (1)
- 12.17 Lo kucingwa ukuba nguye ongcwatywayo wayephi ngeli xesha kungcwatywayo? (1)
- 12.18 Wayenabani kule ndawo wayekuyo? (1)
- 12.19 Amazwi afundwa nguLizo athi, 'Akukho nto igutungelweyo ingayi kutyhilwa', amchaphazele njani uLizo? (2)
- [25]**

UMBUZO 13 (UMBUZO OMDE)

A-a-a! JONGUMSOBOMVU! – BB Mkonto

Bonisa indlela abazotywe ngayo aba balinganiswa balandelayo:

- 13.1 uMaqoma
 13.2 uSomerset (2)
- [25]**

UMBUZO 14 (UMBUZO OMFUTSHANE)**A-a-a! JONGUMSOBOMVU! – BB Mkonto**

Funda esi sicutshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

Kama:	Kodwa ke kambe Mkhwe andiyithandi kakhulu nale uyenzayo yokuphindisa, ngokuba ihamba ihamba ibe neziqhamo ezimanyumnyezi. Ndiyakwazi ke wena ukuba awuphathwa manyeni ungasabeli. Khumbula kaloku mfondini ukuba lisanuka igazi kwezi ntlambo zasemaXhoseni. Makhe kulawule uxolo, sihlume kakuhle kuba aphelile namakhalipha esizwe.
Maqoma:	Hayi Mkhwe, undikhaphelala eweni ngoku. Uthi mandicimele na ndibe ngathi andiboni xa umhlaba wakowethu utyiwa ndihleli? Uthi mandivale amehlo na xa amaphece eenkabi zakowethu esihla ngeentlambo? Uthi mandibe kobentlombe na xa amasiko, izithethe nesiNtu sakowethu sibhunyulwa kuthi? Nakanye! Ndazalelwa kanye oku ukuba ndizimele iimfuno zabantu bakowethu. Nengqequesho yasebukhosini ndondlelwa ndalulekelwa kuyo ukuze ndikhokele phambili ekulungiseleleni abantu bakowethu. Xa ndingenakuziqabelisa ezo njongo buphi ke ubomi kum? Kukunqunqelwa egoqweni kube kanye.
Kama:	Ndiyakuva Mkhwe. Kodwa ndivumele xa ndisithi kuwe sidiniwe mfondini. Nala madoda angandingqinela ukuba eminye imizi isaphulula izivubeko neendumu zala madabi ngenxa kaThuthula. Nangoku sisazama ukuchebana iinduma kweli lasemaXhoseni. Ekufikeni kwam apha undixebole ngokwakho ukuba uMtika lo ubika into yokuba impilo kabawo, A! Lwaganda!, yaphukile.

- 14.1 Wayeyintoni uKama ngokwesikhundla sasekuhlaleni? (1)
- 14.2 Sizathu sini esasibangela ukuba uMaqoma afune ukuziphindezela kwabamhlophe? (1)
- 14.3 Chonga ibinzana kwintetho kaKama eliphuhlisa ukuba uMaqoma wayengachukunyiswa (1)
- 14.4 Ngokwala ndlela athetha ngayo uKama singathi ungumntu:
- A Onekratshi
 - B Onochuku
 - C Onoxolo
- 14.5 Chonga kwisicatshulwa isivakalisi esithetha ukuba akukudalanga kuyekile ukuphalala kwegazi kwisizwe samaXhosa. (1)
- 14.6 Ngubani owayephethe kwisizwe samaXhosa ngexesha lokufika kwabefundisi babelungu ngokwale ncwadi? (1)

- 14.7 UNqqika lo wayezalana njani noMaqoma? (1)
- 14.8 Ngokolwazi lwakho lwale ncwadi, ungathi ubudlelwane babunjani phakathi kobukumkani bukaNgqika nombuso wamaNgesi? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 14.9 Yintoni eyabangela ukuba uMaqoma abe nentiyo kumaNgesi? (2)
- 14.10 Ngubani obonakala engumchasi kaMaqoma? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 14.11 Ingaba kulungile ukuziphindezela njengoko uMaqoma wayezimisele kanjalo? Cacisa. (2)
- 14.12 Kule ntetho kaMaqoma, caphula ibinzana elibonisa ukuba akanakubuya ngamva kwinto agqibe kuyo. (2)
- 14.13 Yinyani okanye bubuxoki ukuba uMaqoma wayengafuni nokuwabona amasiko nezithethe zakwaXhosa? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 14.14 Nika igama loyena mfundisi owayongamele umkhosi wemithika kule ncwadi. (1)
- 14.15 UMaqoma wayemhlonipha uyise uNgqika. Saba yintoni isiphumo sokuhlonela uyise ngolu hlobo? (1)
- 14.16 Ngqamanisa inkosi nekomkhulu layo.

14.16.1	UMaqoma	A EMthocwa
14.16.2	UXhoxho	B ESidutyini
		C ETshokotshele

(2 x 1) (2)

- 14.17 Ungantoni umxholo wale ncwadi? (2)
[25]

AMANQAKU ECANDELO C: 25
AMANQAKU EWONKE: 80